education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1) (MEMO)

JANYUWARI 2008

IXESHA: **2 IIYURE**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ama-6.

IPHEPHA LOKUQALA

MEMORANDAM

ICANDELO A

UMBUZO 1.1

ISICATSHULWA A

1.1.1 Hayi, babengenawo. Amantombazana ayebonelwa isoka amabalitshate Abafana babengenakutshata engekatsho uyise, nabo bebonelwa. (3)

1.1.2 Ukukhutshwa kwekhazi / ilobola (1)
Umfazi ukuze abe nesidima emzini kufuneka abe ulotyolwe. (1)

1.1.3 Owasesikolweni uyazikhethela umntu aza kutshata naye. (1)

OwasemaXhoseni uyabonelwa umntu aza kutshata naye. (1)

1.1.4 Hayi (1)
Kuxhaphake ukuba umfana azibonele, aze aye kuxelela abazali ngentombi leyo. (1)

1.1.5 Abangeneleli bafike batshintsha intlalo yethu kwatsho kwaphela imbeko nentlonipho, batyeshela namasiko ethu. (2)

1.1.6 {i} Yinyani (1)
{ii} Yinyani (1)

1.1.7 Ewe :Kuphele ukuzigcina de iye kutshata ngenxa yokuhlonipha abazali nekhaya lakhe.
Hayi: (Kuya kuxhomekeka kwindlela azixhase ngayo umvavanywa) (2)

1.1.8 Ndingavuma kuba ndihlonela abazali bam /
Angeke ndivume kuba ndakube ndingamthandi lo mntu ndingenakuhlala naye ubomi bam bonke. (2)
(Impendulo iya kuxhomekeka kumviwa)

1.1.9 Intombi ilinda de yaluphale, ibe yinkonkwane esemlindweni. (1)

1.1.10 Babehloniphe isiko (1)

1.1.11 Lilungile kuba abazali bakho mabafumane ngawe, ube naso nesidima emzini wakho / Alilunganga kuba ungathi uyathengiswa. Imitshato ixhaphakile ukuqhawuka ngathi kuyashishinwa. (1)
(Impendulo iya kuxhomekeka kubaviwa)

[20]

UMBUZO 1.2

ISICATSHULWA B

1.2.1 Liphondo laseFreyistati. (1)

1.2.2 Liphondo laseNtshona Koloni. (1)

1.2.3 Ukungazibandakanyi ngesondo.
Ukusebenzisa ikhondom.
Ukuthembeka kwiqabane elinye.
Lumkela ukudibana kwegazi lakho nelomnye umntu. (2)
(Abavavanywa bangeza namanye amacebo awakhayo).

1.2.4 Liphondo laseRhawutini. (1)

1.2.5 Lifanelekile ngoba esi sifo sibulala wonke umntu othe wosuleleka siso / eli gama lidiza indlela esi sifo esibageca ngayo abantu ngokungenalusini. (2)

1.2.6 Life Orientation / LO (1)

1.2.7 Ewe / Yinyani (1)

1.2.8 Baye kwindawo ekuvavanywa kuyo igazi. (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: [30]

ICANDELO B

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO: **35 - 40 amagama**

Lo ngumkhomba-ndlela abanokunyathela kuwo abafundi kuba banokuba neembono ezahluka-hlukeneyo ngabakufundileyo.

Isishwankathelo sakho siya kuqwalaselwa ngolu hlobo:

- Iingongoma eziphambili = 3 amanqaku
- Ukugcina umqathango wenani lamagama = 1 inqaku
- Ulwimi = 2 amanqaku
- Isimbo nemo = 2 amanqaku
- Upelo, iziphumlisi, uqhawulo-magama noonobumba = 2 amanqaku

IINGONGOMA ZESISHWANKATHELO

- Umsebenzi wobupolisa ubalulekile, yaye ufuna umntu oqinileyo nozinikeleyo. Kukho izinto ezifunekayo xa uza kuba lipolisa lakwaMasipala.
- Uyavuzwa umntu owuthandayo lo msebenzi kuba usebenzela uluntu.
- Lo msebenzi awujongani kuphela nabaphuli bomthetho, bakwasebenzisana namapolisa benikezela ngabarhanelwa abazizaphuli – mthetho. U*Constable* Mthethwa uthanda ukusebenza ngabantu.
- Nalapha kulo msebenzi bukhona ubungozi obubanyanzela ukuba bade banxibe izikhuseli kwiimbumbulu.

AMANQAKU ECANDELO B: **[10]**

ICANDELO C

UMBUZO 3

3.1 Intetho (1)

3.2 Imbi (1)

3.3 Inkqubela (1)

3.4 Entle (1)
[4]

UMBUZO 4 (a)

4.1 Inqununu /ingqonyela (1)

4.2 Intatheli / Unondaba (1)
[2]

UMBUZO 4 (b)

4.3 Sisetyenziswe ukubonisa ukuba into ethile yenziwa egameni lomnye. (1)

4.4 Sisetyenziswe ukubonisa isenzo esenzeka cala-nye. (1)

4.5 Isixando sinako ukusetyenziswa ukuba salathe ukuba into ethile inakho ukwenzeka. (1)

[3]
[5]

UMBUZO 5

5.1 Liyintloko / lisebenze njengomenzi / lisebenze njengegama elenza isenzo. (1)

5.2 Sisivumelanisi sentloko / Sisebenze njengesivumelanisi sentloko / Senza uvumelwano phakathi kwesenzi nentloko. (1)

5.3 Uyinjongosenzi / lisebenze njengenjongosenzi / lisebenze njengomenziwa / lisebenze njengegama ekwenziwa kulo isenzo (1)
[3]

UMBUZO 6 (a)

6.1 Isenzo esenzeka kwixesha eladlulayo / isenzo esenzeka kudala (1)

6.2 Ixesha eliza kuza (1)
[2]

UMBUZO 6 (b)

6.3 Ukungahambi.
(Lo ngumzekelo nje. Abavavanywa baza kuza nezabo izivakalisi ezinesenzi esikwimo elandulayo) (1)

6.4 Ndandiza kufunda.
(1)

6.5 Umalume undibethe emlonyeni ndisacacisa ngogawulayo.
(Lo ngumzekelo nje. Abavavanywa baza kwakha ezabo izivakalisi). (1)

[3]
[5]

UMBUZO 7

7.1 Umama wenzelwe ubuntu ngummelwane ukuze silale sityile izolo. (1)

7.2 Lonke uluntu maluzilumkele kugawulayo. (1)

7.3 Umntu endimthandayo ngongumzekelo kubantwana bakhe. (1)
(Apha sinike nje imizekelo yezivakalisi ezilindelekileyo).

[3]

UMBUZO 8 (a)

8.1 tata (1)

8.2 namali (1)

8.3 esikolweni (1)
[3]

UMBUZO 8 (b)

8.4 Kukuphumelela emagqabini (1)

8.4 Kukungena endlwini yomntu ube sele uyenza eyakho. (1)
[2]
[5]

UMBUZO 9 (a)

9.1 Ubhuti wamthi qhwa ngempama uSipho.
(1)

9.2 Umama ufika qho endlwini yam.

(1)

9.3 Ngqe-e-e ukugoduka abantwana besikolo.
(Kunikwe nje imizekelo.Abavavanywa baza kuza nezabo izivakalisi). (1)

[3]

UMBUZO 9 (b)

9.4 Sibonakalisa indawo

(1)

9.5 Sibonakalisa ubunjani

(1)
[2**]**
[5]

AMANQAKU ECANDELO C: [30]

AMANQAKU EWONKE: [70]